# Ndinamalungelo noXanduva

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Jonga le mifanekiso, ucinga ukuba kwenzeka ntoni kumfanekiso wokuqala?
2. Bala izinto oncedisa ukuzenza kowenu.



EXTRACT PAGES



Ndinekhaya, ndihlala kakuhle. Ndinoxanduva lokuba ndilihoye, ndincedise.

Xela uxanduva lwakho ngekhaya lakho.



EXTRACT PAGES

Ndihlala kamnandi ekhaya. Ndiyathanda ukuncedisa kwimisebenzi yasekhaya.

Chaza owona msebenzi othanda ukuwenza ekhaya.







EXTRACT PAGES

Ndiyatya rhoqo xa ndilambile.
Ndinoxanduva lokuba ndingadlali ngokutya.

Ungakumosha ukutya xa ufunayo. Uyavumelana noko okanye hayi?





EXTRACT PAGES

Ndiyamanyelwa xa ndithetha. Ndinoxanduva lokuba ndimamele xa kuthethwa.

Xa umamelayo xa kuthethwa, nabanye bayakum________. Gqibezela



EXTRACT PAGES

Ndinelungelo lokuya esikolweni. Ndinoxanduva lokufunda kwaye ndenze umsebenzi wam wesikolo.

Ilungelo lwemfundo lihamba noluphi uxanduva?



EXTRACT PAGES

Ndinelungelo lokuba ndim, ndihlonitshwe. Ndinoxanduva lokuhlonipha nabanye abantu.

Xa ucinga, ngubani ekumele ahlonitshwe?




Ndinelungelo lokufumana unyango xa ndigula. Ndinoxanduva lokuzikhathalela ndibe sempilweni.



Chaza ukuba kunokwenzeka ntoni xa ungayikhathaleli impilo yakho.




Ndinelungelo lokuhlala apho kucocekileyo. Ndinoxanduva lokuncedisa kuhlale kucocekile.

Xela ukuba ngubani onoxanduxa lokucoca indawo ohlala kuyo?